UShalom uyazithanda iinwele.





UShalom uthanda iinwele ezinkulu ezishinyeneyo.

Kodwa akanayo ikama yeenwele ezinkulu ezishinyeneyo.





UThabisa, udade wabo umthengele ikama enkulu. Uzama ukukama iinwele zikaShalom ngayo.

Kubuhlungu ukuzikama iinwele.  Zilukhuni iinwele zikaShalom.





UThabisa ufuna ukuphinda azame ukuzikama. UShalom ubalekile uzimele.

UThabisa ukhangela uShalom akamboni.






UThabisa uthengele uShalom amafutha eenwele. Amafutha azenza zithambe iinwele.

Ngoku iinwele azisekho lukhuni, zithambile. Kulula ukukama iinwele zikaShalom.





UShalom ukama iinwele zakhe azibophe.

Nanko egigitheka ejonge uThabisa embulela.
Bobabini bayahleka bonwabile.

